## I-PEN yamazwe-ngamazwe ihlanganisa ababhali behlabathi.

Kwiminyaka elishumi elinesihlanu eyadlulayo, umbutho i-the Universal Declaration of Linguistic Rights okokuqala yaziswa esidlangalaleni eBarcelona yiPEN iKomiti yokuguqulela elwela amalungelo eelwimi ekuthiwa yiPEN International’s Translation and Linguistic Rights Committee.

Namhlanje iKomiti ekwanye, ihlanganisana kunye eGirona, ukuvakalisa upapasho-nkqubo ukuze ivakalise imigaqo elishumi esisiseko.

1. Iilwimi ezahlukeneyo ngokwenkqubo yesithethe sehlabathi ifanele ixatyiswe ize ikhuselwe.

2. Ukuhlonela zonke ilwimi namasiko sisiseko senkqubo yokwakha nokubangela iingxoxo noxolo ehlabathini.

3. Bonke abantu bafunda ukuthetha neentliziyo zebutho loluntu oluthe lwabanika ubumi, ulwimi, isiko nokwaziwa.

4. Iilwimi ezahlukeneyo neendlela ezahlukeneyo zokuzithetha asikokunxibelelana nje kuphela zikwasisimo sentlalo apho abantu bathi bakhuze baze baphuhlise namasiko khona.

5. Naliphi na ibutho loluntu linelungelo lokuba ulwimi lwalo lusetyenziswe njengolwimi olusemthethweni kwindawo yalo.

6. Umyalelo wesiKolo ufanele ubenegalelo ekuphuhliseni ulwimi oluthethwayo libutho loluntu kulo mmandla.

7. Isoloko ingumnqweno wabemi ukuba bazazi ezinye iilwimi, kodwa owona mdla mkhulu kukubonisa ukuphangalala, nokuba negalelo kulwazi olunzulu ngolwimi abalithethayo.

8. Ukuguqulelwa kweencwadi, ngokukodwa imisebenzi ebalaseleyo eyahlukeneyo, imela eyona nkalo inyanzelekileyo yokuqonda nokuhlonela abanye abantu.

9. Ezo sasazo sinelungelo lokuhlaba ikhwelo ekubeni kwenziwe iilwimi ezahlukeneyo zisebenze ngokuchanekileyo nangenyameko kwizinga eliphakamileyo.

10. Ilungelo lokusebenzisa nokukhusela ulwimi lomnye lifanele lamkelwe ziZizwe eziManyeneyo njengelungelo elisiseko.

IKomiti yokuGuqulela namaLungelo eeLwimi zePEN yaMazwe ngamazwe
eGirona, ngomhla we-13 kuMeyi 2011

www.pen-international.com